



Developing a reading club programme

Do you need some help with reading club activities? Here are some suggestions. Certain activities are great to do each time you meet. Choose from the other activities depending on how they link with the books and stories you are sharing and how much time you have. Change some activities each week to help keep your reading club sessions fresh and interesting and to encourage the children to attend regularly!

- **Games and songs:** These are fun ways to start a session. Teach the children the games and songs that you used to play and sing as a child and play ones they know too. Sing songs in the home languages of all the children and in other languages.

- **Reading aloud and storytelling:** Read aloud and tell a story in each session to share adventures and experiences that real life doesn't offer. Children will become excited and curious about new topics so they'll be eager to learn...and their vocabularies will grow too!
- **Reading together and alone:** Let children who can already read, share books together in small groups or pairs. They can also read to other children in the club who are not yet reading. Join in by letting a child read to you or by reading to a small group of children. Sometimes also let children spend time alone with a book, reading silently or looking at the pictures and telling their own story. Spending time with books in these ways encourages children to choose and share books they are interested in.

- **Talking about books:** Introduce new books by showing them to the children and telling them a little bit about each one to get them curious and keen to read.
- **Writing:** Give children different opportunities to write. They can make their own books to read themselves and share with others; write about books they have read or make greeting cards for friends and family. Offer to help children who do not yet have the confidence to write on their own by writing down what they tell you.
- **Art, craft and drama:** Encourage the children to paint or draw pictures, make puppets or other objects related to the story you have read or told. Or, allow time for the children to act it out.

Stop!

If you aren't going to use this supplement, please give it to someone who will! Deliver it to a school, community centre, library or someone you know.

Go to www.nalibali.org and enter our competition to win a copy of the book, *Knowing you, knowing me*.

Yiya ku: www.nalibali.org ungenele ukhuphiswano lwethu ukuze uwine ikopi yencwadi ethi, *Yazi mna ndazi wena*.



For more information on reading club activities or to download your free checklist and guides for successful reading club sessions visit www.nalibali.org. Check out www.facebook.com/nalibalireadingclubs for even more inspiration and activity ideas – or to share your own ideas!

Malunga nolwazi oluthe vetshe ngokuphathelele kumaqela okufunda okanye ngeendlela zokufumana iitshekhlisti nezikhokelo zasimahla zeendibano zamaqela afundayo ezinempumelelo kwi-intanethi, ndwendwela le webhusayithi www.nalibali.org. Khangela nalapha: www.facebook.com/nalibalireadingclubs ukuze ufumane ukukhuthazeka ngakumbi kuquka nezinye iibono zemisetyenzana – okanye ukwazi ukwabelana nabanye ngezimvo zakho!

Ukuphuhliswa kwenkqubo yeqela

Ingaba udinga uncedo ngokuphathelele kwimisetyenzana yeqela lifundayo? Khawufumane apha nazi iingcebiso. Kuhle kwaye kubalulekile ukwenza imisetyenzana ethile rhoqo nihlangana. Khetha kweminye imisetyenzana ngokuxhomekeke kwindlela loo misetyenzana engqamene ngayo neencwadi okanye amabali enabelana ngawo kuquka nobungakanani bexesha eninano. Yitshintsha rhoqo ngeveki imisetyenzana ukuze iindibano zeqela lenu elifundayo zihlale zintsha kwaye zinika umdla ukuze zibe nokubakhuthaza abantwana ukuba babekho rhoqo!

- **Imidlalo neengoma:** Ezi ziindlela ezonwabisa zokuqalisa indibano. Fundisa abantwana imidlalo owawuyidlala neengoma owawuzicula usengumntwana, ungalibali ukudlala nezi bazaziyo kananjalo. Cula iingoma ngolwimi lwasekhaya lwabo bonke abantwana, kuquka nangezinye iilwimi.
- **Ukufunda ngokuvakalayo nokubalisa amabali:** Funda ngokuvakalayo uze ubalise ibali kwindibano

nganye ukuze nabelane ngezehlo nangamava angafumanekiyo ncam kubomi bemihla ngemihla. Abantwana baza kuzonwabela kwaye bazithakazelele izihloko ezitsha, nto leyo iza kubenza babe nomdla wokufunda... kwaye nesigama sabo siza kukhula naso!

- **Ukufunda kunye nokuzifundela uwedwa:** Bavumele abo bantwana sele bekwazi ukufunda ukuba babelane ngeencwadi kumaqela amancinci nakwabo basebenza ngambini. Banakho nokufundela abanye abangekakwazi ukufunda apha kwiqela lokufunda. Ngenelela ngokukhuthaza umntwana akufundele okanye afundele iqela elincinci labantwana. Ngamanye amaxesha mvumele umntwana ukuba achihe ixesha eyedwa kunye nencwadi, efundela ngaphakathi okanye ejonge emifanekisweni okanye ebalisa ibali elilakhe. Ukuchitha ixesha neencwadi ngolu hlobo kunceda ekukhuthazeni abantwana bakhethe baze babelane ngeencwadi abanomdla wazo.
- **Ukuthetha ngeencwadi:** Abantwana bazise ngeencwadi ezintsha ngokubabonisa zona nokubanika amagqabantshintshi ngeencwadi nganye

ukuze bazive bethakazelela ukuzazi nokuba nomdla wokuzifunda ezo ncwadi.

- **Ukubhala:** Abantwana banike amathuba ohlukileyo okubhala. Bangazenzela ezabo iincwadi ukuze bazifundele zona okanye babelane nabanye; babhale ngeencwadi abasele bezifundile okanye benzele izihlobo neentsapho amakhadi emibuliso. Nika abantwana abangekabi nakuzithemba ekubhaleni ngokunokwabo uncedo ngokuthi ubhale phantsi oko bakuxelela kona.
- **Ubuchule, ubugcisa nedrama:** Bakhuthaze abantwana ekupeyinteni nasekuzobeni imifanekiso, yenza oonopopi nezinye izinto ezingqamene nebali olifundileyo okanye olibalisileyo. Kungenjalo, unganika abantwana ithuba balingise okanye benze umdlalwana webali elo.

Yima!

Ukuba awuyisayi kulusebenzisa olu shicilelo, nceda ulunike omnye umntu oya kulusebenzisa! Lise esikolweni, kwiziko, labahlali, elayibhrari okanye kumntu omaziyo.

Sparking children's potential through storytelling and reading
Ukuvuselela isakhono sabantwana ngokubabalisela amabali nokubafundela



"Thank you for the wonderful launch of Nal'ibali. I came with my 4-year-old granddaughter. She loved watching the clowns and I laughed and laughed at their stories! We have been reading the stories in our Nal'ibali supplement every day and I am going to buy that newspaper to get my own copy from next week!"

Nomonde, Khayelitsha, Western Cape

"Siyabulela ngendlela entle aqaliswe ngayo uNal'ibali! Ndize ndihamba nomzukulwana wam oneminyaka emine. Le ntwanana ikuthande kakhulu ukubukela abahlekisi, ndiwahleke kakhulu amabali abo! Mihla le sifunda amabali ethu akwisongezo sikaNal'ibali kwaye ndiza kulithenga ela phephandaba ukuze ndifumane ikopi eyeyam ukusukela kule veki izayo!"

Nomonde, Khayelitsha, Ntshona Kapa

"Good day! I am a member of a group of five retired women who are trying to learn isiXhosa. Your reading supplement is just what we have been searching for. We can now increase our vocabulary and the stories are simple enough for us. Thank you!"

Robin Searle

"Thank you for creating Nal'ibali! Reading is so important and so neglected, and this new supplement will be a great help to get kids reading again!"

Anne Marie Smith, Gauteng

Dear Nal'ibali...
Mhleli weNal'ibali...

Write to
Nal'ibali at PO Box
1654, Saxonwold, 2132 or
letters@nalibali.org

Bhalela kwi: Nal'ibali,
PO Box 1654, Saxonwold,
2132 okanye kwi:
letters@nalibali.org



Celebrating Nal'ibali!

Between 11 and 16 June 2012, with our partners Clowns Without Borders South Africa and France, we took Nal'ibali into different communities and brought books to life! We showed almost 4000 young people how books and reading can open new worlds.

Ukuvuyisana noNal'ibali!

Phakathi komhla we-11 nowe-16 kuJuni ka-2012, thina kunye noogxa bethu, iClowns Without Borders South Africa and France, simthathile uNal'ibali samsa kwiindawo zoluntu ezahlukileyo saze savuselela ubomi ezincwadini! Sibonise ulutsha olumalunga namawaka amane indlela iincwadi nokufunda okunokuluvulela ngayo amathuba amahle okanye amatsha ehlabathini.



Win!
Turn to page 7 to find out how to win a mini-library worth R25 000!

Wina!
Tyhila iphepha lesi-7 ukuze ubone ukuba ungayiwina njani na ilayibri encinane exabisa ama-R25 000!



Shelley Christians

Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane

- | | |
|---|--|
| 1. Take out pages 3 to 6 of this supplement. | 1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kweli hlelo. |
| 2. Fold it in half along the black dotted line. | 2. Wasongse esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama. |
| 3. Fold it in half again. | 3. Phinda uwasongse esiphakathini kwakhona. |
| 4. Cut along the red dotted lines. | 4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu. |



Get story active!

After you and your children have read *Something to do*, try out some of these ideas.

If you have 10 minutes...

- Ask your children what they think Jenny's book is about. Do they like books like this? What are their favourite stories?
- Once you have read the story a couple of times (perhaps on different days), encourage younger children to say the words with you as you read the story again. Invite older children to try to read it on their own.

If you have 30 minutes...

Something to do is a story that uses the pictures to help tell the story. Spend some time looking more closely at the pictures with your children and discussing them. Here are some questions to help you:

- Pages 4 and 5: Which house do you think Jenny lives in? Would you like to live there? Why or why not?
- Pages 6 and 7: How do you think Jenny feels? How can you tell?
- Pages 10 and 11: Where is Jenny? What is she doing? How do you think Penny feels? Do you ever feel like this?

Read the story in both languages with your children. Once your children are familiar with the story in their home language, read it in the other language used in this supplement.

If you have one hour...

Look at the picture on pages 4 and 5 again. Talk about how the place where Jenny lives is similar and different to where you live. Ask your children to draw a picture of themselves hopping and skipping down a road where they live. They'll love it if you draw a picture too! Encourage older children to write about their picture and then read it to you.



Yenza ibali linike umdla!

Emva kokuba wena nabantwana bakho nifunde le ncwadi: *Into ongayenza, zama ezinye zezi mbono.*

Ukuba unemizuzu eli-10...

- Buza abantwana bakho ukuba bacinga ukuba ingantoni le ncwadi kaJenny. Ingaba bayazithanda iincwadi ezifana nale? Ngawaphi awona mabali bawathanda kakhulu?
- Emva kokulifunda izihlandlo eziliqela ibali (mhlawumbi kwiintsuku ezahlukileyo), khuthaza abantwana abancinane ukuba babizele amagama emva kwakho ngeli xesha ufunda ibali kwakhona. Cela abantwana abadala ukuba bazifundele ngokunokwabo.

Ukuba unemizuzu engama-30...

- Into ongayenza* libali elisebenzisa imifanekiso ekuncedeni ekubaliseni ibali. Chiitha ixesha elithile ngokuqwalasela kakhulu emifanekisweni nabantwana bakho nize niyixoxe. Nantsi eminye imibuzo enokukunceda:
 - Iphepha lesi-4 nelesi-5: Ucinga ukuba uJenny uhlala kweyiphi indlu? Ungathanda ukuhlala phaya? Kutheni kunjalo okanye kutheni kungenjalo?
 - Iphepha lesi-6 nelesi-7: Ucinga ukuba uJenny uvakalelwa njani? Utsho ngoba?
 - Iphepha le-10 nelesi-11: Uphi uJenny? Wenza ntoni? Ucinga ukuba uPenny uvakalelwa njani? Ukhe uvakalelwe ngolu hlobo?
- Funda eli bali kuzo zombini iilwimi kunye nabantwana bakho. Xa abantwana sele belilandela eli bali kulwimi lwabo lwasekhaya, lufunde ke nangolunye ulwimi olusetyenziswe kweli hlelo lokufunda.

Ukuba uneyure...

- Jonga kwakhona kumfanekiso kwiphepha lesine nelesihlanu. Thetha ngendlela indawo ahlala kuyo uJenny efana okanye eyahluke ngayo kwindawo ohlala kuyo wena. Cela abantwana bakho ukuba bazobe imifanekiso yabo bengcileza, betsibatsiba, besihla ngale ndlela bahlala kuyo. Baya kukuthanda kakhulu oku ukuba nawe uthe wazoba umfanekiso woku! Khuthaza abantwana abadala ukuba babhale ngomfanekiso wabo baze oko bakubhalileyo bakufundele kona.

Did you know?

In *The running shoes* on page 8, Pauline had to practise hard in order to win the race. In July 2012, after months and months of training, athletes from all over the world will be travelling to London for the Olympic Games. Here are 5 interesting facts about the Olympic Games.

- The five rings on the Olympic flag stand for Africa, the Americas, Asia, Australia and Europe.
- The first modern-day Olympic Games was held in 1896 – that makes the Olympics 116 years old this year!
- The Olympic Games is held every two years.
- The most medals won at the Olympics is 18.
- South Africa is sending 112 athletes to this year's Olympics.



Ubusazi na?

Kwincwadi ethi *Izihlangu zokubaleka* kwiphepha lesi-8, uPauline kwanyanzeleka ukuba aziqhelise nzima ukuze aphumelele umdyarho. Kule nyanga, emva kweenyanga eziliqela zokuziqhelisa, iimbaleki ezisuka kumazwe ngamazwe ziza kube zisingise kwimiDlalo ye-Olimpiki eLondon. Nazi izinto ezibubunyani ezintlanu nezinika umdla ngemiDlalo ye-Olimpiki.

- Imisesane emihlanu kwiflegi ye-Olimpiki imele i-Afrika, amazwe aseMelika, i-Asiya, i-Ostreliya neYurophu.
- ImiDlalo ye-Olimpiki yokuqala yale mihla siphila kuyo yayisingathwe ngomnyaka ka-1896 – oku ke kwalatha ukuba imiDlalo ye-Olimpiki ineminyaka eli-116 ikho kulo nyaka!
- ImiDlalo ye-Olimpiki isingathwa rhoqo kwisithuba seminyaka emibini.
- Ezona mbasa zininzi zakhe zaphunyelelwa kwimiDlalo ye-Olimpiki zili-18.
- UMzantsi Afrika uza kuthumela iimbaleki ezili-112 kwimiDlalo ye-Olimpiki yalo nyaka.

Win a mini-library worth R25 000!



Our wonderful sponsors have donated books so that we can give away five mini-libraries. If you live in the Western Cape, Eastern Cape, KwaZulu-Natal or Gauteng, you stand a chance of winning one of these mini-libraries for your reading club or school.* SMS NALIBALI followed by your name, the name of your reading club or school, address and contact number to 32545. SMSs cost R1. Closing date: 31 July 2012

* Terms and Conditions apply.

Go to www.nalibali.org/supplements for more details.

Wina ilayibhrari encinane exabisa ama-R25 000!

Abaxhasi bethu abamangalisayo basiphe iincwadi ukuze siphise ngeelayibhrari ezincinane ezintle. Ukuba ngaba uhlala eNtshona Koloni, eMpuma-Koloni, KwaZulu-Natal okanye eRhawutini, unethuba lokuwinela iqela lakho okanye isikolo sakho enye yezi layibhrari zincinane.* Thumela i-SMS ethi NALIBALI ulandelize ngegama lakho, igama leqela lakho elifundayo okanye igama lesikolo sakho, idilesi kunye neenombolo zonxulumano kule nombolo 32545. Ii-SMS zibiza i-R1. Umhla wokuvalwa ngowama: 31 Julayi 2012

* Kukhona imimiselo nemiqathango esetyenziswayo.

Yiya ku: www.nalibali.org/supplements ukufumana inkcukacha ezithe vetshe.

CAMBRIDGE

OXFORD

PEARSON

NuMetro

Story corner

Here is the second part of the story about Pauline and the running shoes for you to read aloud or tell.

The running shoes (Part 2) by Marianna Brandt

The athletics teacher didn't notice Pauline at first. But now he took time to help her. He encouraged her and helped her with her training.

Then came the big day. Pauline woke up early and lay thinking about what had happened. She had started slowly. It had been difficult. Each time she ran, her legs ached. But she had kept going. She had practiced and practiced and practiced. And now, three weeks later, she was ready. To keep those running shoes, she had to win!

There were many people watching the runners. Grandpa, Mother, Father, friends and family; they all came to see her.

Pauline was excited and scared all at once. She looked at the other girls on the line. They were all good runners.

BANG! The gun went off and Pauline leaped up and ran. She didn't look behind her. She just ran. She felt the spring of her running shoes and the whoosh of the air. She ran harder and faster than she'd ever run before. Soon she was far ahead of all the others.

She could hear the people shouting and cheering, "Pauline! Pauline!" And when she reached the finish line, the people cheered even more.

Her Grandpa rushed up. "Well done Pauline – now we see what those magic running shoes can do," he said.

"You were great, Pauline," Aunt Karin said. "I knew Zola Budd's shoes were magic. You're going to be a champion one day."

"Well done, my girl," her father said, "It's a good thing you had those magic shoes."

Her mother gave her a big hug.

"But the running shoes are not magic," Pauline thought. "I practised and practised hard every day. If I hadn't done that, I wouldn't have won. The shoes helped me but I'm the winner. It's called practice, not magic!"

As she was saying this, Mr Mokono came up to her with a big smile. He put his hand on her shoulder. "Well done, Pauline," he said. "I'm proud of you. You worked hard. You didn't give up. You made those shoes work. Maybe they were not magic, but you ran like magic. You earned them!"



Illustration by Elizabeth Pulles
Imifanekiso ngu-Elizabeth Pulles

Ithuba lokubalisa

Nali inqanaba lesibini leballi elingoPauline nezihlangu zokubaleka ukuze ulifundele phezulu okanye ubalise.

Izihlangu zokubaleka (Inqanaba lesi-2) NguMarianna Brandt

Utiitshala weembaleki akamqaphelanga kuqala uPauline. Kodwa ngoku ubonakele ethabatha ixesha emncedisa. Umkhuthazile waze wamnceda ekuziqheliseni nasekuzilolongeni kwakhe.



Ide yafika imini enkulu. UPauline uvuke kwangonyezi wangqengqa ecinga ngoko kwenzekileyo. Uqale ngokucuthayo. Bekunzima kakhulu. Qho ebaleka, iinyawo zakhe ziye zazaqamba. Kodwa akanikezelanga. Uye wazilolonga ngokwaneleyo. Ngoku, emva kweeveki ezintathu, uziva ekulungele ukubaleka. Ukuze abe nakho ukuzigcina ezo zihlangu zokubaleka, kwakuza kufuneka aphumelele!

Babe baninzi abantu ababebukele iimbaleki. UTatomkhulu, uMama, uTata, abahlobo nosapho; babe lapha bonke beze kukumbukela.

UPauline wayechulumancile esoyika kananjalo. Uye wajonga kwezinye iintombi apho emgceeni. Bonke babe ziimbaleki ezigqwesileyo.

GQWA! Udubule watsho umpu waxhuma ngoko nangoko uPauline wabaleka. Akakhange abheke ngemva nakanye. Wasuka wabaleka. Uye weva isipringi sezihlangu zakhe zokubaleka nokuphaphazela komoya. Wabaleka kakhulu nangokukhawuleza kunangaphambili. Kungekudala, wabe sekude lee kunezinye iintombi.

Ukwazile ukuyiva nemikhwazo neenkuthazo zabantu, "Pauline! Pauline!" Uthe xa efika emgceeni wokugqibela, abantu bamkhwaza nangakumbi.

UTatomkhulu wakhe ukhawulezele ngakuye. "Ngxatsho ke Pauline – ngoku siitsho sabona imimangaliso enokwenziwa zezo zihlangu zokubaleka," utshilo.

"Ubugqwesile Pauline," utshilo umakazi uKarin. "Ndazile ukuba eza zihlangu zikaZola Budd zinemimangaliso. Uza kuba yintshatsheli ngenye imini."

"Huntshu, ntomb'am," utshilo utata wakhe, "Ibe luncedo into yokunxiba kwakho ezo zihlangu zinemimangaliso."

Umama wakhe wamanga wamqinisa kakhulu.

"Kodwa izihlangu zokubaleka azingommangaliso," ube nezo ngcinga uPauline. "Ndiye ndaziqhelisa ndazilolonga umhla nezolo. Ukuba bendingenzanga ngolo hlobo, bendingasoze ndiphumelele. Izihlangu zindincedile kodwa ndim ophumeleleyo. Oku kubizwa ngokuba kukuziqhelisa, hayi ummangaliso!"

Ngeli xesha athetha oku, uMnu Mokono uze kuye ngoncumo olukhulu. Ubeke isandla sakhe egxalabeni kuye. "Ngxatsho ke, Pauline," utshilo. "Ndiyazingca ngawe. Usebenze nzima. Akukhange unikezele. Uzenze zasebenza nezo zihlangu. Mhlawumbi bezingenguwo ummangaliso, kodwa wena ubaleke ngokumangalisayo. Zikufanele ngenene!"

In your next Nal'ibali supplement:

- Tips for choosing books to read with your children
- Story stars: a reading club run by teens
- An extract from the teen novel, *Mom's taxi*
- A zig-zag book, *Little and big*

Can't wait until next week for more reading and story tips, tools and inspirational ideas? Visit www.nalibali.org or find us on Facebook: www.facebook.com/nalibali or www.facebook.com/nalibalireadingclubs



Kwihlelo elilandelayo leNal'ibali:

- Izikhokelo zokukhetha iincwadi onokuzifunda nabantwana
- Imbalasane yamabali: iqela lokufunda elilawulwa ngabantwana abafikisayo
- Isicatshulwa esikhutshwe kwinothuli yabantwana abasafikisayo, *Khwela-Khwela yimoto kaMama*
- Incwadi enamajiko-jiko, *Encinci nenkulu*

Kunzima ukulinda iveki ezayo ukuze ufumane ezinye iingcebiso zokufunda namabali, izixhobo neenkuthazo? Ndwendwela kule webhusayithi www.nalibali.org sifumane nakuFacebook: www.facebook.com/nalibali okanye www.facebook.com/nalibalireadingclubs



We publish *what* we like

Read the original story, *Something to do*, published by Jacana Media and available in bookstores and on-line from www.jacana.co.za. This story is also available in isiZulu, isiXhosa and Afrikaans.


Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to www.jacana.co.za.

Funda ibali eliyintsusa elithi, *Into ongayenza*, elishicilelwe yi-Jacana Media kwaye elifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi on-line ku www.jacana.co.za. Eli bali likwafumaneka ngesiZulu, nge-Afrikaans nangesiNgesi.

I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku: www.jacana.co.za.

© Jacana Media (South African rights only) Tel: (011 628 3200)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment initiative to get people in South Africa – children and adults – passionate about telling and reading stories. For more information, visit www.nalibali.org.



INal'ibali liphulo lelizwe lokufundela ulonwabo lokwenza abantu eMzantsi Afrika – abantwana nabantu abadala – bakuthakazelele ukubalisa nokufunda amabali. Ukuze ufumane inkcazelo ebanzi, ndwendwela ku www.nalibali.org.

Something to do Into ongayenza



Story by Ann Walton


Illustrated by Natalie Hinrichsen

Ibali nguAnn Walton

Imifanekiso nguNatalie Hinrichsen

Jenny.

Lo nguPhiwe.




Jenny hops and skips.

UPhiwe uyakuthanda ukutsibatsiba
nokuxhumaxhuma.



Jenny hops and skips down the road.

Bona nanko uPhuwe etsibatsiba
axhumaxhume esihla ngomgaqo.



Jenny hops and skips down the road
with a storybook.

UPhiwe utsibatsiba axhumaxhume esihla
ngomgaqo ephethe incwadi yebali.



Jenny hops and skips down the road with
a storybook for Penny.


UPhiwe uyatsibatsiba axhumaxhume
esihla ngomgaqo nencwadi yebali
ayiphathele uLihle.





Penny is in bed with flu and she has nothing to do.

ULihle ulele ngumkhuhlane kwaye ayikho into ayenzayo.



Here is a storybook for you to have something to do.



Nantsi incwadi yebali endikuphathele yona, ngoku uza kuba nayo into oyenzayo.

Now you have something to do while you have the flu.

Ngoku unayo into ongayenza ngeli xesha ulaliswe ngumkhuhlane.

